



MEYI 2013

Telephone	028 313 8000	Fax	028 312 1894
Hermanus	028 384 8300	Gansbaai	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	Stanford	028 271 4100
Stanford	028 341 8500		028 341 0445

24 Hour Emergency	028 313 8000/8111
Fire Brigade	028 312 2400

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni*

## IBHAJETHI EQULUNQWAYO KAMASIPALA YOWAMA-2013/2014 INGENISO KUFUNeka INYUKE KAKHULU KANANJALO NOKUSEBENZA KAKUHLE KUFUNeka KUPHUCUKE

Kuza kufuneka ingeniso inyuke ngamanani amabini kulo nyaka-mali uzayo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba umasipala weOverstrand abenakho ukuba nemali kodwa oko kuza kuhamba kunye nokusebenza kakuhle okuphakamileyo.

Lo ibe ngumongo wengxelo yebhajethi equlunqwayo yowama-2013/2014 eyenziwe nguCeba uBen Solomon, olilungu leKomiti kaSodolophu yeZee-mali noPhuhliso lweZoqoqosho noMlawuli weZeemali umnu. Henk Kleinloog kwi- Overstrand Municipal Advisory Forum ngomhla we- 3 Epreli 2013.

Ingeniso endululwayo zizigidi ezingama-R748 (inyuke nge-13.75 ekhulwini), ibhajethi yenkcitho zizigidi ezingama-R829 (inyuke nge- 9.26 ekhulwini) ukuze ibhajethi yeprojekthi ezifuna imali yazizingigidi ezili-R104 (ihle ngama-37.5 ekhulwini).

Umaluko phakathi kwebhajethi yengeniso nebhajethi yenkcitho ozizigidi ezingama-R81 ubangelwa sisibonelelo sokuhla kwamaxabiso ezinto nezinye izinto ezingachaphazeli imeko yemali kamasipala. Imali eza kusala izi kuba zizigidi ezisi-R8.

Igalelo lokunyuka kweerhafu zezindlu ligcinwe ngaphantsi kwe-10 ekhulwini kwaza kwabangenanto langaphantsi kwe-5 ekhulwini.

Kufakwe irhafu entsha yomhlaba ekungakhiwanga kuwo. Iirhafu zemihlaba yokushishina nokuphuculwa kwazo li- 10.12 ekhulwini ukuze eyendawo zokuhlala nokuphuculwa kwazo ibe si-6.94 ekhulwini. Injongo yoku kunyuka kukulungiselela inkcitho enyukileyo, iindleko ezinyukileyo zabangenanto nokunyusa imali yeprojekthi ezifuna imali kulo nyakamali uzayo ngemali eshiyekileyo ezizigidi ezisi- R8.

Ngokukaceba uSolomon into eyiyeyona iyimbambano koku kunyuka kukuba kulo nyakamali mtsha ngabantu abangenanto kuphela abaza kufumana amanzi afelefele azikilolotha ezi-6. Abanye abantu baza kuhlawula i-R3.50 ngekhilolotha. Oku kuhambelana nentetho yoMphathiswa weZeemali yalo nyaka kwintetho yakhe yebhajethi apho athe amanzi afelefele ayengajoliswanga kumntu wonke.

Intlawulo esisiseko yombane-iza kunyuka ngama-22%. Ukusetyenziswa kombane kuba kuba phakathi kwe-3% ne-9% (umndilili ube si-5.27 %).

Uthe iikhontrakhi zokucoca nezinye iiprojekthi ezifikelela kwizigidi ezi-R3 isixa sazo ebesihlawulelwa yi-Extended Public Works Programme, kuza kufuneka zithwalwe ngokupheleleyo ngumasipala kulo nyaka-mali mtsha kuba imali ye-EPWP kufuneka isetyenziswe kwiiprojekthi ezintsha.

UCeba uSolomon uyichaze ibhajethi equlunqwayo yowama-2013/2014 njengeyona yakha yanzima kwiminyaka yakhe esixhenxe kwiBhunga. Ubalule iingxaki ezifana nokulungiswa kwezindlu zikamasipala nobuxhakaxhaka, izithuthi ezigugileyo nemivuzo.

Ngenxa yemali echithiweyo ukulungiswa kwempahla kamasipala kunyuka ngendlela ephakame kakhulu kuneqondo lokunyuka kwamaxabiso.

UCeba uSolomon ukwathe inani labasebenzi linyuke ngezikhundla ezingama-92 kuphela lafikelela kwi-1032 ukususela kowama-2006 ukuya kowama-2012, ukunyuka nge-12 % kuphela kwithuba leminyaka emi-6 okanye nge-2% ngonyaka. Kwezinye zezinto abasebenzi bongeziwe kumasebe eleenNkoko zoLawulo loKusingqongileyo (ukusuka ku- 1 ukuya kwi-12), eleZomthetho (ukusuka kwaba-9 ukuya kwi- 18), elezoMilo noXakeka (ukusuka kwi- 3 ukuya kwi-12) neleZeemali (ukusuka kuma- 87 ukuya kwi-114).

Malunga neeprojekthi ezifuna imali akukho mali iseleyo kwaye umasipala ufikelele kwinqondo lokugqibela lokuboleka.

Ukususela kowama-2006 umasipala usebenzise ngaphezulu kwesigidi-gidi esi- R1,04kubuxhakaxhaka, ikakhulu ekuphuhliseni amajelo amanzi namaziko (izigidi ezingama-R451), ukuphuculwa kweziko lombane nezikhululwana nobuxhakaxhaka (izigidi ezingama-R209) neendlela (isigidi esili-R127)

UCeba uSolomon woleke wathi urhulumente weNtshona Kapa utyale malunga nezigidi ezi-R4 kwakweli xesha linye kule ndawo eyisebenzise kuphuculo-sibhedlele neeklinikhi, ekwakheni izikolo ezitsha nokuphucula ezinye, ekulungiseni iindlela ezinkulu ku-R43, ithambeka iHemel neared nonxibelelwano phakathi kweGansbaai neElim.

Uluntu nabanye abathathinxaxheba mangazinika izimvo zabo kule bhajethi iqulunqwayo yowama-2013/2014, kuhlaziyo lowama-2013/2014 lwe- IDP nemigaqo ephathelele kwibhajethi de kube ngomhla wama- 30 Epreli kwaye ezi zimvo ziya kuqwalaselwa xa iBhunga liyijonga okokugqibela le bhajethi ngomhla wama- 29 Meyi 2013.



## AMAJONI AWILEYO AWONGIWE

Egameni loluntu lwaseOverstrand uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie ubeke iinkatha ze-proteas ewonga amajoni awa nawangxwelerheka eCentral African Republic xa wayetyelele iCenotaph eHermanus ngomhla wama-26 Matshi 2013 eye kufuna iinkcukacha ezongezelelekileyo malunga nezicwangciso zokulungisa nokwandisa imonyument. Phambi kokuba kuthathwe isigqibo ezi zindululo ziza kudluliselwa kwikomiti ye-wadi, iKomiti yeZamafa nakwabanye abachaphazelekayo. Abemi naye ukusuka ekhohlo nguCharl Wilmans, usekela-nkumanda wesebe leMOTH, uDon Kearney, umlawuli oyintloko wolawulo lwaseHermanus, uHarvey Saayman, inkumanda yesebe leMOTH weRegiment's Council of RWP, noStephen Muller, umlawuli weInfrastructure and Planning kamasipala.

# BUKA I-HERMANUS NGEHBHAYISEKILE

NgoEpreli kuqale itekisi yebhayisekile isavavanywa. La ngamava awodwa kubandwendweli baseHermanus idolophu eyaziwa lihlabathi lonke ngeminenga ebukelwayo nekhlayo.

Injongo yale nkonzo ayikokuqhayisela abahambi ngeendawo ezininzi ezinomtsalane nobubele bale dolophu ungalahlekanga koko kukubhala kanye emnyango kwiindawo abafuna ukuthenga kuzo kwi-CBD yaseHermanus.

Ngaxalinye kudalwa amathuba omsebenzi noqeqesho kulwazi lomsebenzi kubantu abatsha.

Obatsho zintathu iitekisi zebhayisekile ezihamba kwindawo yamashishini ukususela kweye-9 kusasa de kube yeye-5 emva kwemini ukusuka ngoMvulo de kube ngoMgqibelo. Abantu behlika kwiindawo emisa kuzo apha endleleni engayi kuphelela nje kule imiselweyo koko nezo ndawo zifihlakeleyo neziphambukayo.

Iindleko zale nkonzo zihlawulwa ngabamashishini abakwaziyo ukuthatha inxaxheba kule projekthi ngokubhalisa okanye babapashe kwimephu yeHermanus, enikwa abandwendweli felefele.



**Kumgca ongasemva ukusuka ekhohlo: nguAdinda Jantjies (LED/ukhenketho), uSoli Madikane (Umlawuli: LED, uMasipala weOverstrand), uLorenzo Isaacs (I-Superintendent eyiNtloko: Ezezithuthi) uSuné Greeff (uMlawuli weZokhenketho) noChantelle Hill (Igosa le-LED). Kumgca ongaphambili ukusuka ekhohlo: nguMichellis Page, uSikholele Mvimbi noLee-Roy Slingers. (Abakhwelibhayisekile abangekhoyo efotweni: nguYamnkela Silwana, uDylan Beukes noAvuyile Nkololwane.)**

Ukubhalisa kubiza ama-R30 ngenyanga, okanye iR100 ngenyanga ngesithuba esikhulu sokupapasha.

Abathandathu abakhwela iibhayisekile bavela kuvimba wolwazi wabantu abangaphangeliyo baseOverstrand abanomdla kwishishini lokwamkela abantu bafumene uqeqesho lweveki lokubenza babengoonozakuzaku bokhenketho baseHermanus, nolwazi lwayo yonke into ngedolophu

yethu.

Uqeqesho ekukhathaleleni abantu nokhenketho lwemfundo ukwenzela ukuba baziqhele iindawo ezinomtsalane zase-Hermanus lwenziwe liSebe likamasipala loKhenketho kwaye iSebe leZothutho laseOverstrand libafundise ngokhuseleko lwezithuthi.

ISebe leZithuthi likaMasipala weOverstrand liyamkelele ndlela kwaye liza kuziphapha izangqa ezithathu ngenxa yokhuseleko. Ezi tekisi zineegiyeri ezili-18 izibane ezisebenza ngebhetri nebhreki ezizodwa ukuqinisekisa ukuba ima ngokukhuselekileyo xa inomthwalo. Ibhayisekile nganye ingathwala abantu ababini ngexesha.

Iprojekthi yeTekisi yeBhayisekile yintsebenziswano phakathi kukaMasipala weOverstrand, iExpanded Public Works Programme (EPWP) namashishini aseHermanus. **Ukuba ufuna ingcaciso ngokubhalisa nangokupapasha kwimephu nxibelelana noMia ku- 028- 312 4228, 028- 312 2660 okanye hermanusbicycler@gmail.com.**

## SEBENZISA UMBANE NGOBULUMKO

Nanga amanye amacebiso okunceda abasebenzisi bawusebenzise kakuhle umbane nangendlela eyiyo yonke imihla:

### IKHOMPUYUTH

- Ngalo lonke ixesha ikhompuyutha yakho yicime kule ndawo umbane usuka kuyo.

- Ukuba uyishiye ilindile okanye ikwi-sleep mode, isebenzisa ama-50% ombane ewusebenzisayo xa uyivule ngokupheleleyo.

- Nakwezinye izixhobo zekhompuyutha ikwayinto enye. Ezi zizinto ezifana ne-modems, i-network switches, i-sound systems, njl. njl.

### ISELULA

- Xa iselula yakho ungayitshajisi yikhuphe embaneni itshaja. Khumbula ukuba xa iselaglini isebenzisa umbane.

- Zonke izixhobo zombane zisebenza ngale ndlela ngako oko xa ungatshajisi yikhuphe itshaja embaneni.

### ISIPHOLISIMOYA

- Kulumkele ukusebenzisa isipholisimoya ukufudumeza okanye ukupholisa igumbi lakho lokulala kuba kuzo zonke ezinye sona sesona siwusebenzisa kakhulu umbane.

### I-PRINTER NEZIXHOB EZIFANA NAYO

- Nasiphi na isixhobo se-ofisi esifana ne-printer kufuneka sicinywe xa singasetyenziswa.

- Ngokufana neTV xa usishiye sisembaneni udlala ngombane kwaye ubeka kuxinzelelo olungeyomfuneko umatshini lowo.

### IZIBANE

- Izibane ezonga umbane zizo emazisetyenziswe endaweni yezo zidla umbane. Zizibane ezifana ne-CFL (Compact Fluorescent Lamps) okanye i-LED (Light Emitting Diode)

ezonga umbane.

- Isibane i-CFL sithatha ixesha eliphindwe ka-6 kanti isibane i-LED sithatha ama-30 exesha.

- Isibane i-incandescent sidla i-100/ ngeyure, i-CFL idla i-1.5c/ngeyure i-LED yona idla i-0.9c/ngeyure.

- Kwakho khumbula ukuzicima izibane ezingeyomfuneko; uya konga imali eninzi ngokwenza oko.

### I-HEATER

- Ebusika sebenzisa i-heater elawulwa ubushushu ye-oyile okanye eyerhasi.

- Akuzondleko ukunxiba shushu kunokubasa i-heater.

### INGUBO YOMBANE

- Endaweni yokusebenzisa i-heater sebenzisa ingubo yombane yona iza kufudumeza umandlalo wakho.

- Kodwa yicime ingubo yombane phambi kokuba ulale. Ayiyongozi nje kuphela ukuyilayita xa ulele koko kukudlala ngombane ukwenza oko.

- Sebenzisa impahla yokulala eshushu

### I-GEYSER

- Sebenzisa ingubo ye-geyser. Ngalo ndlela wonga umbane.

- Imibhobho yamanzi yigqume ebusika buthobe ubushushu bube ngama-60 °C ehlotyeni bube ngama-55 °C.

- Kungcono uyicime emva kokuba uyisebenzisile ube uyilayite iyyure ezimbini phambi kokuyisebenzisa kwakhona. Uya konga ama-50% ombane osetyenziswa yi-geyser yakho ngako oko malunga nama-20% eendleko zombane wakho uwonke (xa usebenzisa i-geyser enye)

- Hlamba kwi-shower endaweni yebhafu. Njengoko ubusele ucetyisiwe ngaphambili sebenzisa intloko ye-shower eyonga umbane.

## UHLOLO LWEZAKHIWO LUNGAFUMANA IIMPEMBELELO KUBAHLOLI BEZAKHIWO

Ukubhaliswa kwemihlaba kamasipala xa ithengiswa kuquka inkqubo yokucinywa kwamatyala nezinye okuquka ukuhlolwa komhlaba ngabahloli bezakhiwo. Injongo ephambili yale nto kukuqinisekisa ukuba zonke izakhiwo zazamkelwe na xa kwakubhaliswa kulawulo lwezakhiwo. Oku kuquka iishedi, izifakelelo zezithuthi nokuguqulwa kweegaraji zibe ziindawo zokuhlala, nokujonga ukuba umda wokwakha ugcinwe na.

Umthengi unikwa ingxelo yezinto ezingekho mthethweni ezikhoyo kuba nguye oza kuba noxanduva lokulungisa oko kusakugqitywa ukuthengiswa isakhiwo eso.

Nangona izinto ezingekho mthethweni zingakuthinteli ukunikezelwa kwesiqinisekiso sokulunga kwesakhiwo kungenzeka ukuba umthengi arhoxe kuba kukho izinto abengazazi eziyingxaki.

Abantu abanezicwangciso zokuthengisa izindlu zabo mabaqinisekise kwanqaphambili ukuba akukho zinto zingamkelekanga kwiipiani zezindlu zabo.

Imibuzo malunga noku ingajoliswa kwiSebe loLawulo-Zakhiwo ku-028 313 8089.

## QINISEKA NGEENTSUKU ZIKA-SARS

Nceda wazi ukuba kungakho iinguqu ezaziswa ngesikhawu kwisicwangciso sotyalelo lwanyangazonke luka-SARS eOverstrand ezokuqwalasela imicimbi efana ne-tax clearance, ukujongwa kwemeko yomntu ngamnye neengxelo zerhafu.

Isaziso siza kwenziwa kwiphephandaba laseOverstrand nakwi-webhu kamasipala. Kungabuzwa nakuJolanda Hendriks woLawulo loPhuhliso lwezoQoqosho ku-028 313 8928 okanye ku-SARS kule dilesi ye-imeyile: EngagementCT@sars.gov.za

Imihla elandelayo kaSARS ngowe-7 Meyi 2013 nowe-4 Juni 2013 ukususela kweye-11:00 de 18:00 kwiSakhiwo iHarmony Square kwindawo kamasipala weOverstrand eHermanus.

## ABOMNTU OMNYE BASE-ITALY BADLALA KWI-TRIO

I-OAK iza kuba nekonsathi echulumancisayo yabadlali abathathu ngeye-19h00 ngoLwesihlanu umhla we-10 Meyi, eCivic Auditorium. Oodade ababini nomnakwabo abasuka eItaly, abaziwa njenge-TRIO BROZ, baza kudlala imisebenzi kaBeethoven, eka-Sibelius, ekaSchubert nekaBacalov kwi-violin, i-violane-cello kwaye baza kwenza uncutho lomculo omangalisayo kobo busuku!

Itikiti li-R100 (R50 umfundi). Cela ukubekelwa indawo ngokufonela iBELLINI GALLERY ku-028 312 4988. Xa ufuna ezinye iinkcukacha fonela uRené du Plooy, umabhalana, ku-082 940 4238.

